

Ukungavisisani

Ukuba awuvumelani noko kufunyanisiweyo ngebango lakho ngokwemimiselo yokufaneleka okanye yeqela labanokubuyezwa, usenokufaka isicelo ESINYE ukwenzela ukujongiswa kwesicelo KUNGADLULANGA IINTSUKU EZINGAMA-30 emva kokufumana iziphumo zesicelo, ngokusebenzisa la majelo alandelayo:

Qhagamshelana neZiko lethu loQhagamshelwano

a. Ngaphakathi eMzantsi Afrika **ku-080 1000 240**

b. Ngaphandle koMzantsi Afrika **ku-00 27 10 500 6186**

Nayiphi i-Ofisi yokuNgenisa iBango

Imeyilela ku-disputes@tshiamisotrusted.com.

ITrasti iza kuhlola isicelo sakho ukwenzela ukujongiswa kwesicelo ize isinikeze kuSomagunya woKujongisa ofanelekileyo. Ezi ziingcali ezizimeleyo nebezingabandakanyeki ekufumaniseni isiphumo sebango lokuqala. Ukuba kufuneka iinkcukacha ezongezelelekileyo, iTrasti iya kukwazisa.

Lwakube lugqityiwe uhlobo, uza kufumana i-SMS enesaziso esikunika iziphumo zokujongiswa kwesicelo, kwaye UKUBA ukujongiswa kwesicelo kuphela ngesiphumo esahlukileyo kwisigwebo ebesifunyanisiwe kwisicelo sokuqala, uza kufumana isaziso soku kunye neenkukacha zamanyathelo alandelayo.

OKUBALULEKILEYO:

Isigqibo sikaSomagunya woKujongisa simile kwaye asinakuphikiswa ngaphaya koku.



Ubukho Bethu Empuma Koloni

Lodgement Offices

Bizana
Butterworth
Flagstaff
King William's Town
Lusikisiki
Matatiele
Mount Frere

Ngcobo
Mthatha
Queenstown
Umzimkulu

Erf 153, Bizana Main Street
2 Sauer Street
Erf 91, Main Street
West Bank, 1 Bridge Street
Erf 130, next to KFC, Main Street
27 Green Street
TEBA premises, behind Total garage, Madjikane Main Street
213 High Street
9 York Road, Umtata Central
5 Bushell Street
Shop No 25A, Erf 155, Umzimkhulu Mall, corner Bird and Plein Street

BME Sites

Bizana
Butterworth
Ngcobo
Flagstaff

King William's Town
Lusikisiki

Matatiele
Mount Frere
Queenstown
Kingsway
Sterkspruit

Mthatha

Oliver & Adelaide Tambo Regional Hospital
Gateway Clinic, CNR Geach & Fennel Street
Indoor Sports Complex
Old Municipal Building, Main Street - opposite new municipal building & post office
TEBA King William's Town, corner Blaine and Bridge Street
St Elizabeth Hospital, Health Resource Centre, Main Street
Taylor Bequest Provincial Hospital, Main Street
Madzikane Memorial Hospital
Frontier Hospital, corner Avenue & Livingston Road
Empilisweni Hospital, Umlamli Road
Nelson Mandela Academic Hospital, Sisson Street, Fort Gale

Ukuze ufumane idinga: 080 1000 240 (mahala)

Tshiamiso
TRUST

Imbuyekezo nge-silicosis ne-TB

Isikhokelo Sakho
Sokwenza Ibango
Kwi

TSHIAMISO
TRUST

Qhaganshelana Nathi

- 080 1000 240 (mahala)**
- 078 504 9004 (WhatsApp)**
- @silicosissettlement**
- info@tshiamisotrusted.com**
- www.tshiamisotrusted.com**

Ngubani Onokwenza Ibango

Ukuze umsebenzi wasemayini enze ibango, kumele abe:

- Wenze umsebenzi obeka emngciphekweni kwenye yeemayini ZEGOLIDE ezifanelekayo ngeli xesha lifanelekayo (ukusuka nge-12 kaMatshi 1965 ukuya nge-10 kaDisemba 2019) KWAYE
- Ufumene i-TB enxulumene nomsebenzi ngexesha ebesebenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwimayini efanelekayo okanye kungadlulanga unyaka ephumile kulo mayini, OKANYE uxilongiwe wafunyaniswa ene-silicosis ngexesha esenza lo msebenzi ubeka emngciphekweni okanye emva koko, kwimayini efanelekayo.
- Wonakele imiphunga ngokusingxina ngenxa ye-silicosis okanye ye-TB, ngokwemimiselo engqalileyo nanjengoko kuhloliwe ngeziphumo zovavanyo lokusebenza kwemiphunga.

Abantu abaxhomekekileyo (inkosikazi, iqabane okanye umntwana) basenokwenza ibango egameni lomsebenzi wasemayini obhubhileyo.

Izinto esingenakunceda ngazo:

- Iinkampani zemigodi yegolide ezingeyonxalenye yesi sivumelwano
- Amalahle, i-platinum, i-asbestos okanye naluphi na uhlobo lwemigodi
- Izibonelelo zengxowamali yomhlalaphantsi, izibonelelo ze-UIF kunye nezibonelelo zokonzakala ekungenziwanga bango ngazo
- Izibonelelo ze-MBOD okanye eze-COIDA
- Abafaki bamabango bamabango abayinxalenye yesinye isivumelwano se-silicosis, kuquka nesivumelwano se Blom nese Qhubeka Trust.

Indlela Yokwenza Ibango

Kuqala fowunela iziko leminxeba ku-080 1000 240 ukuze ukhangele ukuba uyafaneleka na ukufaka ibango.

Ukuba uyafaneleka, baza kukubhukhishela kwi-ofisi ka-TEBA ekufutshane nawe yokufaka amabango. Kuza kufuneka uphathe amaxwebhu akho xa usiya kwelo dinga. La maxwebhu aquka:

- I-ID kaZwelonke/iPasipoti esebenzayo yomsebenzi wasemayini
- I-industry card yomsebenzi wasemayini (ikhadi laseMakhuluskop), ukuba ikhona
- Iirekhodi zeminyaka esetyenziweyo ezivela kwimayini obusebenza kuyo (kufanele zibonise i-Industry Number)
- Iirekhodi zezonyango ezibonisa i-silicosis okanye i-TB enxulumene nomsebenzi kulo msebenzi wasemayini.

Ukuba umsebenzi wasemayini ubhubhile, ukwadinga:

- Nesatifiketi sokufa
- Ingxelo kanobangela wokufa ukuba ikhona
- Naziphi na ezinye iirekhodi zezonyango ezibonisa ubungqina be-silicosis okanye be-TB
- Ubungqina bokuzalana nomsebenzi wasemayini, umz. isatifiketi somtshato okanye isatifiketi zokuzalwa esingashunqulelwanga.
- I-ID yakho kaZwelonke/iPasipoti esebenzayo.

Ukuba lo msebenzi wasemayini wabhubha emva koDisemba 2019, uza kudinga neLeta yoMthunyuwa weLifa.

Uhlolo lweZonyango lweZibonelelo (Benefit Medical Examination - BME) luza kumiselwa aba basebenzi basemayini basaphilayo ukuba kukho imfuneko, kwaye uya kucetyiswa ukuba ulindele ntoni ngeli xesha liseleyo lenkqubo yamabango.

Nceda Ulumke!

Inkqubo yethu yamabango kunye neenkonzo zethu ZIMAHALA!

Musa ukuhlawula nabani na ukuba akwenzele ibango.

YiTshiamiso Trust KUPHELA enokusebenza ngamabango neya kwazi ukuba ingaba lo wenza ibango uza kufumana imbuyekezo.

Siza kucela bonke abo basenokwenza amabango ukuba bancede babe nomonde kuba kukho amawakawaka abantu ekumele kusetyenzwe amabango abo ngononophelo.

Ukuba nabani na ufuna intlawulo ukuze akuncede okanye akhawulezise le nkqubo, loo mntu uyakutsotsa.

Iindleko ekuphela kwazo EKUSENOKUFUNEKA uzihlawulwe ngabenzi bamabango zezoHlolo lweZonyango lweZibonelelo (Benefit Medical Examination - BME), kuphela UKUBA umsebenzi wasemayini usebenze ngaphantsi kweminyaka emihlanu kuMsebenzi Obeka Emngciphekweni kwiMayini Efanelekayo. Nangona kunjalo, ezi ndleko ziya kubuyekwezwa ukuba umsebenzi wasemayini ufunyaniswe efaneleka ngokwezonyango.

